Short definition	Scheduled meetings of HWC Council and committees in order to implement the NHRA.
Purpose	To take decisions on heritage matters as empowered by the NHRA.
Source of data	Attendance registers, agendas and minutes of meetings
Method of calculation	Simple count
Calculation type	Cumulative <input type="checkbox"/> Year-end <input checked="" type="checkbox"/> Year-to-date <input type="checkbox"/> Non-cumulative
Reporting cycle	<input checked="" type="checkbox"/> Quarterly <input type="checkbox"/> Bi-annually <input type="checkbox"/> Annually <input type="checkbox"/> Biennially
Desired performance	<input type="checkbox"/> Higher than target <input checked="" type="checkbox"/> On target <input type="checkbox"/> Lower than target
Indicator responsibility	Responsibility Manager for Heritage Resource Management Services
Spatial Transformation	Spatial transformation priorities: Yes Description of spatial impact: Through the implementation of the NHRA cities and rural areas are transformed which impact socio-economic access.
Spatial Context	Number of locations: <input type="checkbox"/> Single Location <input checked="" type="checkbox"/> Multiple Locations
(Relevant where products and	Extent: <input checked="" type="checkbox"/> Provincial <input type="checkbox"/> District <input type="checkbox"/> Local Municipality <input type="checkbox"/> Ward <input type="checkbox"/> Address

Heritage Western Cape Annual Performance Plan 2021/22

services are delivered, specifically to the public)	Detail / Address / Coordinates: Protea Assurance Building, Greenmarket Square, Cape Town			
Disaggregation of beneficiaries (Human Rights groups, where applicable)	Target for women: N/A Target for youth: N/A Target for people with disabilities: N/A Target for older persons: N/A			
Recovery Plan Focus Areas	<input checked="" type="checkbox"/> Jobs <input type="checkbox"/> Safety <input type="checkbox"/> Well-being & Dignity <input type="checkbox"/> No link			
Assumptions	Target will be met as planned			
Means of verification	Attendance registers, agendas and minutes of meetings			
Data limitations	None			
Type of indicator	Is this a Service Delivery Indicator? <input type="checkbox"/> No <input type="checkbox"/> Yes, Direct Service Delivery <input checked="" type="checkbox"/> Yes, Indirect Service Delivery			
	Is this a Demand Driven Indicator? <input type="checkbox"/> Yes, demand driven <input checked="" type="checkbox"/> No, not demand driven			
Strategic link to the PSP	VIP #:	2 & 4	Focus Area:	Creating and enabling environment that promotes sustainable use of heritage resources. HWC engages with municipalities and relevant authorities regarding spatial development and planning.
	Output(s):	Scheduled meetings of HWC council and committees in order to implement NHRA	Intervention(s)	An integrated management of heritage resources in the Western Cape
COVID-19 linkage	Yes	No X	N/a	
	Hotspot Theme		N/a	Hotspot Area
AOP Reference	Council and Committee Meeting Minutes			

Heritage Western Cape Annual Performance Plan 2021/22

Indicator number	1.5
Indicator title	Number of provincial heritage sites unveiled
Short definition	To create awareness about the importance of conserving heritage resources and management implications of such resources.
Purpose	The recognition that the site is a declared provincial heritage site by means of unveiling a plaque.
Source of data	Meeting invitations, agendas and attendance registers
Method of calculation	Simple count
Calculation type	Cumulative <input checked="" type="checkbox"/> Year-end <input type="checkbox"/> Year-to-date <input type="checkbox"/> Non-cumulative
Reporting cycle	<input type="checkbox"/> Quarterly <input type="checkbox"/> Bi-annually <input checked="" type="checkbox"/> Annually <input type="checkbox"/> Biennially
Desired performance	<input type="checkbox"/> Higher than target <input checked="" type="checkbox"/> On target <input type="checkbox"/> Lower than target
Indicator responsibility	Responsibility Manager for Heritage Resource Management Services
Spatial Transformation	Spatial transformation priorities: Yes Description of spatial impact: Through the implementation of the NHRA cities and rural areas are transformed which impact socio-economic access.
Spatial Context (Relevant where products and services are delivered, specifically to the public)	Number of locations: <input type="checkbox"/> Single Location <input checked="" type="checkbox"/> Multiple Locations Extent: <input checked="" type="checkbox"/> Provincial <input type="checkbox"/> District <input type="checkbox"/> Local Municipality <input type="checkbox"/> Ward <input type="checkbox"/> Address Detail / Address / Coordinates: Protea Assurance Building, Greenmarket Square, Cape Town
Disaggregation of beneficiaries (Human Rights groups, where applicable)	Target for women: N/A Target for youth: N/A Target for people with disabilities: N/A Target for older persons: N/A
Recovery Plan Focus Areas	<input type="checkbox"/> Jobs <input type="checkbox"/> Safety <input checked="" type="checkbox"/> Well-being & Dignity <input type="checkbox"/> No link
Assumptions	Target will be met as planned
Means of verification	Meeting invitations, agendas and attendance registers

Heritage Western Cape Annual Performance Plan 2021/22

Data limitations	None			
Type of indicator	Is this a Service Delivery Indicator? <input type="checkbox"/> No <input checked="" type="checkbox"/> Yes, Direct Service Delivery <input type="checkbox"/> Yes, Indirect Service Delivery			
	Is this a Demand Driven Indicator? <input type="checkbox"/> Yes, demand driven <input checked="" type="checkbox"/> No, not demand driven			
Strategic link to the PSP	VIP #:	2	Focus Area:	Creating and enabling environment that promotes sustainable use of heritage resources
	Output(s):	The recognition that the site is a declared provincial heritage site by means of unveiling a plaque	Intervention(s)	An integrated management of heritage resources in the Western Cape
COVID-19 linkage	Yes	No X	N/a	
	Hotspot Theme		N/a	Hotspot Area
AOP Reference	Unveiling of Provincial Heritage Site Plaque			

Indicator number	1.6
Indicator title	Number of programmes hosted to promote heritage resources management.
Short definition	Programmes such as workshops or meetings hosted.
Purpose	To promote the management of heritage resources in the Western Cape.
Source of data	Invitation, programme, attendance register
Method of calculation	Simple count
Calculation type	Cumulative <input type="checkbox"/> Year-end <input checked="" type="checkbox"/> Year-to-date <input type="checkbox"/> Non-cumulative
Reporting cycle	<input checked="" type="checkbox"/> Quarterly <input type="checkbox"/> Bi-annually <input type="checkbox"/> Annually <input type="checkbox"/> Biennially
Desired performance	<input type="checkbox"/> Higher than target <input checked="" type="checkbox"/> On target <input type="checkbox"/> Lower than target
Indicator responsibility	Responsibility Manager for Heritage Resource Management Services
Spatial Transformation	Spatial transformation priorities: Yes Description of spatial impact: Through the implementation of the NHRA cities and rural areas are transformed which impact socio-economic access.

Heritage Western Cape Annual Performance Plan 2021/22

Spatial Context (Relevant where products and services are delivered, specifically to the public)	Number of locations: <input type="checkbox"/> Single Location <input checked="" type="checkbox"/> Multiple Locations Extent: <input checked="" type="checkbox"/> Provincial <input checked="" type="checkbox"/> District <input checked="" type="checkbox"/> Local Municipality <input type="checkbox"/> Ward <input type="checkbox"/> Address Detail / Address / Coordinates: Protea Assurance Building, Greenmarket Square, Cape Town			
Disaggregation of beneficiaries (Human Rights groups, where applicable)	Target for women: N/A Target for youth: N/A Target for people with disabilities: N/A Target for older persons: N/A			
Recovery Plan Focus Areas	<input type="checkbox"/> Jobs <input type="checkbox"/> Safety <input checked="" type="checkbox"/> Well-being & Dignity <input type="checkbox"/> No link			
Assumptions	Targets will be met as planned			
Means of verification	Invitation, programme, attendance register			
Data limitations	None			
Type of indicator	Is this a Service Delivery Indicator? <input type="checkbox"/> No <input type="checkbox"/> Yes, Direct Service Delivery <input checked="" type="checkbox"/> Yes, Indirect Service Delivery Is this a Demand Driven Indicator? <input type="checkbox"/> Yes, demand driven <input checked="" type="checkbox"/> No, not demand driven			
Strategic link to the PSP	VIP #:	2	Focus Area:	Creating and enabling environment that promotes sustainable use of heritage resources
	Output(s):	The promotion and management of heritage resources in the Western Cape	Intervention(s)	An integrated management of heritage resources in the Western Cape
COVID-19 linkage	Yes	No X	N/a	
	Hotspot Theme		N/a	Hotspot Area N/a
AOP Reference	Quarterly report submitted			

Annexures to the Annual Performance Plan

The following annexures must be included in the Annual Performance Plans of institutions where applicable:

Annexure A: Amendments to the Strategic Plan – N/A

Annexure B: Conditional Grants – N/A

Name of Grant	Purpose	Outputs	Current Annual Budget (R thousand)	Period of Grant

Annexure C: Consolidated Indicators – N/A

Institution	Output Indicator	Annual Target	Data Source

Annexure D: District Development Model

Areas of Intervention (examples)	Medium Term (3 years - MTEF)					
	Project description	Budget allocation	District Municipality	Location: GPS coordinates	Project leader	Social partners
Cederberg	U.S Ambassadors Fund for Cultural Preservation	R485 000	West Coast	32° 23' 11" S; 18° 27' 9" E	C Scheermeyer	U.S



URhulumente
weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko
nezemiDlalo



Heritage Western Cape
Erfenis Wes-Kaap
ILifa leMveli leNtshona Koloni

ISicwangciso sokuSebenza soNyaka

2021/2022

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza

2021/2022

15 eyoKwindla 2021

INGxelo yoGunyaziwe wesiGqebat

Ngomsebenzi weLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC), iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lene inkqubela phambili engaguqu-guqukiyo kugcino nokukhuthazwa kwezibonelelo zelifa lemveli kwiphondo, ngokuhambelana kunye noMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, uMthetho 25 we-1999. Ekuzalisekiseni kwezigunyaziso zalo, iHWC incede ngoko iSebe ekukhuselelani izibonelelo ezibambekayo nezingabambekiyo zelifa lemveli yaye iqinisekise ngento yokokuba zigcinelwe izizukulwana ezizayo.

Ngethuba apha uqoqosho lujamelene nemingeni ngenxa yokusasazeka kwentsholongwane iCOVID-19, umsebenzi weLifa leMveli laseNtshona Koloni ubaluleke kakhulu ekuyileni imisebenzi, nokuvulela ithuba kuphuhliso olutsha olunokuthi lunikele kuqoqosho lweNtshona Koloni. Umsebenzi weLifa leMveli leNtshona uyimfuneko ekugcineni uthantamiso Phakathi kokugcinwa kwezibonelelo zethu zelifa lemveli kunye nembonakalo-mhlaba nokunceda amathuba okukhula kwiphondo. IHWC inikele ngokunjalo kuqoqosho lwezokhenketho ngokukhuthazwa kweendawo zethu zelifa lemveli lephondo.

Esi siCwangciso soNyaka sokuSebenza sichaza imiqathango ebekiweyo ukuvuma, ukuxabisa, ukugcina nokulolonga izibonelelo ezahlukeneyo zelifa lemveli zabantu basemaphandleni nabasedolophini beNtshona Koloni ngokukhuthaza ukuzingca kwilifa lemveli elibambekayonelingabambekiyo.

Ngeengcebiso ezihlangeneyo eziphuma kuluntu, abasebenzi, abachaphazelekayo bangaphandle kunye namaqabane beqhinga, esi sicwangciso saphuhliselwa ukusebenza njengesikhokhelo esisesikweni esilungiselelwe iLifa leMveli leNtshona Koloni kunye neSebe kulungiselelwa unyaka ongaphambili. Ndikulinde ngamehlo abomvu ukunikezela kwangaphambili ngolawulo lwezopolitiko oludingekayo ukumanyanisa iyantlukwano yembonakalo yelifa lemveli elahlukeneyo lephondo.

AMarais

ANROUX MARAIS

UGunyaziwe wesiGqeba weLifa leMveli leNtshona Koloni

INgxelo yoGunyaziwe iNika iNgxelo

IPhondo leNtshona Koloni lineyantlukwano enkulu kwizibonelelo zelifa lemveli elithe isebe legunyaziswa okokuba lizichonge, lizikhusele, lizilondoloze, yaye lizilawule. UMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, onguNombolo 25 we-1999, unikezela ngesigunyaziso esisemthethweni esithi siqhutywe yiHWC kwindima yawo ze unike amathuba okukhuthaza izibonelelo ezibalulekileyo ezibambekayo nezingabambekiyo zelifa lemveli kwiphondo. Ukususela kukutyunjwa kweBhunga ngomhla woku-1 kuNovemba wama-2019 isebe liziqhubile imbophelelo yalo yobandakanyo olukhulu lwezibonelelo zelifa lemveli lokunikela kukuthuthazwa ulungelelwaniso lwentlalo kwiphondo.

Kwezi nyanga zisandula ukudlula ilizwe lijamelene noqoqosho olutshabaleleyo kunye neempembelelo zentlalo zobhubhane lweCOVID-19. ILifa leMveli leNtshona Koloni linendima ekufuneka liyidlale kuqukuqelo lophuhliso olunxulumene namthuba oqoqosho kwiphondo ngokuphathelene nesigunyaziso salo. Ukuqhubeka nendima yalo njengogunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli, iHWC iyaqhubeka ukufumana inkxaso evela kwiPhondo leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokuqinisekisa ngokuqhubeka ngokumiliselwa koxanduva lwayo kwiphondo liphela.

Kwintshayelelo yoMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli, oku kulandelayo kuchaziwe:

“ilifa lemveli lethu lilodwa yaye lixabisekile, yaye alinakho ukuhlaziywa. Lisinceda ekuchazeni inkcubeko yethu yaye ngoko lingqengqe kumbindi wobume bethu bomoya yae linamandla wokwakha isizwe sethu. Linekhono lokuqiniseka iincubeko zethu ezahlukeneyo, ze ngokwenza njalo lixonxe isimo sethu sesizwe

Esi siCwangciso soNyaka sokuSebenza sichaza umbono weqhinga kunye neenjongo zeBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni yaye sithi thaca ekujoliswe kuko kulungiselelwa unyak-mali ozayo ngokuhambelana nesigunyaziso esisemthethweni. Umsebenzi weHWC yinzame ehlangeneyo yabasebenzi, yamaqabane eqhinga, uluntu kunye nabachaphazelekayo okokuba uqhubeke nokuzuziweyo kumsebenzi wesebe kwisithuba seminyaka edlulileyo, yaye ngokuthe ngqo, ukubona iinjongo ezicwangcisiweyo zonyaka-mali ukuba zifezekiswe.

M Mdludlu

Mandla Mdludlu

USihlalo weLifa leMveli leNtshona Koloni

UTyikityo oluseSikweni

Kuyaqinisekiswa into yokokuba esi siCwangciso soNyaka sokuSebenza:

- Saphuhliswa ngabaphathi beLifa leMveli leNtshona Koloni phantsi kwesikhokhelo soMphathiswa Anroux Marais;
- Sinika ingqwalasela kuyo yonke imigaqo-siseko efanelekileyo, umthetho kunye nezinye izigunyaziso elinoxanduva kuzo iLifa lweMveli leNtshona Koloni; kunye
- Siphonononga ngokuchanekileyo iMpembelelo, iZiphumo kunye neMiphumela eya kuthi izanywe ukufezekiswa iLifa leMveli leNtshona Koloni kwisithuba sowama-2021/2022.



Brenda Rutgers
IGosa eliyiNtloko lezeMali

Utyikityo



Colette Scheermeyer
IGosa eliyiNtloko lesiGqeba eliBambeleyo

Utyikityo




Brent Walters
INtloko yeSebe: IMicimbi yeNkcubeko nemidlalo

Utyikityo



Mandla Mdludlu
USihlalo weBhunga

Utyikityo



Sivunywe ngu:
Anroux Marais
UGunyaziwe wesiGqeba

Utyikityo

OKUQULATHIWEYO

Utyikityo oluseSikweni.....	4
ICandelo A: ISigunyaziso sethu	7
1. UMbono.....	7
2. UMnqophiso	7
3. liNqobo ezisesikweni.....	7
4. IZigunyaziso eziseMthethweni neZinye.....	7
4.1 Izigunyaziso zoMgaqo-siseko	8
4.2 Izigunyaziso zoMthetho	9
4.3 Uhlaziyo kwimigaqo-nkqubo yeziko nanaqhinga	11
4.4 Amalinge acwangcisiweyo omgaqo-nkqubo	12
4.5 Uhlaziyo lwezigwebo zenkundla ezifanelekileyo	12
ICANDELO B: OKUJOLISWE KUKO KWEQHINGA.....	15
5. Uhlaziyo loHlahlelo lweSimo.....	15
6. UHlahlelo lwangaPhandle lweNdalo.....	16
6.1 Ubume bezopolitiko.....	16
6.2 Ubume bezoQoqosho.....	17
6.3 Ubume bezeNtlalo.....	17
6.4 Ubume bezeTheknoloji	17
6.5 EzeNdalo	18
6.6 Ubume bezoMthetho nezolawulo.....	18
7. UBume bangaPhakathi.....	19
ICANDELO C: UKULINGANISWA KOKUSEBENZA KWETHU	22
8. INgcaciso yokuSebenza kweNkqubo yeZiko	22
9. INkcazelo yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba esiphakathi	26
10. liNgcamango zoNcedo lweNkqubo	28
11. Uhlaziyo lweMingcipheko enguNdoqo	29
12. liProjekti zeZibonelelo	29
ICANDELO D: IINKCAZELO ZOMGQALISELA WOBUGCISA (TID)	31

Izifinyezo

APM	IKomiti yeArchaeology, Palaeontology and Meteorites
BELCom	IKomiti yoBume boLwakhiwo neMbonakalo
DCAS	ISEbe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
DEADP	ISEbe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso
ECM	ULawulo lokuQulathiweyo kweShishini
EPWP	INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
HIMS	INkqubo yoLawulo lweNgcaciso yeLifa leMveli
HOMs	INtlanganiso yaMagosa eLifa leMveli
HPO	ISaleko soKhuselo lweLifa leMveli
HWC	ILifa leMveli leNtshona Koloni
IACom	IKomiti yoVavanyo lweMpembelelo
ICT	ITheknoloji yeNgcaciso noNxibelelwano
IGIC	IKomiti yoLuhlu lwempahla, uHlelo neNkcazelo
MEC	ILungu leBhunga lesiGqeba (kwiPhondo)
MOU	IMemorandum yeNgqiqo
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho yesiThuba esiPhakathi
NHRA	UMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, 1999
PFMA	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999
PHS	INDawo yeLifa leMveli yePhondo
PN	ISaziso sePhondo
SAHRA	I-Arhente yeZibonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika
SOP	INkqubo yoMgangatho wokuSebenza
VIP	Okuphambili okuVuselelwe nguMbono

ICandelo A: IsiGunyaziso sethu

1. UMbono

Ulawulo olubandakanyayo, olunenguqu, olubeka abantu esazulwini, oluzinzileyo lwezibonelelo zelifa lemveli kwiNtshona Koloni.

2. UMnqophiso

ILifa leMveli leNtshona Koloni liqinisekisa yaye limilisela uchongo olubandakanyayo, oluzinzileyo nolawulo oluhlangeneyo, ulondolozo nokukhuthazwa kwezibonelelo zelifa lemveli ezibambekayo nezingabambekiyo ukulungiselela ukunikela kwinguqu nolwakhiwo lwesizwe.

3. Iinqobo ezisesikweni

Ukulolonga, iKhono, ukuThatyathwa koxanduva, Imfezeko, Inguqu, ukuSabela, uBandakanyo neNtlonipho.

4. IZigunyaziso eziseMthethweni neZinye

ILifa leMveli leNtshona Koloni, iQumrhu likaRhulumente (HWC), lisebenza phantsi kwezigunyaziso ezisemthethweni othi umsebenzi walo opheleleyo uzama:

- Ukukhuthaza ulawulo olulungileyo kuwo onke amanqanaba;
- Ukuxhobisa iingingqi zoluntu ukulolonga nokugcina izibonelelo zelifa lemveli ukulungiselela into yokokuba zibe nokudluliselwa kwizizukulwane zelixa elizayo;
- Ukubekwa kwemithetho-siseko ngokubanzi yokulawulwa kwezibonelelo zelifa lemveli kuyo yonke iNtshona Koloni; kunye
- Nokuqalisa ngenkqubo ehlangeneyo yochongo, ukhuselo, ulondolozo, ulawulo nenkuthazo yezibonelelo zelifa lemveli kwiphondo ngokuhambelana noMthetho weSizwe weLifa leMveli kunye nemithetho yayo.

4.1 Izigunyaziso zoMgaqo-siseko

Icandelo	INkcazelo
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
ICandelo 24(b)(ii) ElezeNdalo	ILifa leMveli leNtshona Koloni kufuneka, ngemiqathango yomthetho neminye, lilawule yaye libeke iliso kwinkuthazo yolondolozo lobume belifa lemveli eNtshona Koloni. Oku kunokungasetyenziswa ngendlela engahambelaniyo naso nasiphi na isibonelelo soSomqulu wamaLungelo.
ICandelo 31: INkcubeko, ezeNkolo neeLwimi zoLuntu	ILifa leNtshona Koloni kufuneka liqinisekise ngento yokokuba iinkqubo zalo neeprojekti zithathela ingqalelo iyantlukwano yenkcubeko yabemi beNtshona Koloni
ICandelo 41: Imithetho-siseko yorhulumente wentsebenziswano nobudlelwane boorhulumente	ILifa leMveli leNtshona Koloni lisebenzisana nawo onke amasebe karhulumente. Ngokuhambelana nezigunyaziso zalo, iLifa leMveli leNtshona Koloni isebenza nokusondeleyo neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, iArhente yoMzantsi Afrika yeZibonelelo zeLifa leMveli kunye noomasipala eNtshona Koloni.
IShedyuli 4A: IMimandla yokuSebena yoLawulo oluSebenza kunye lweSizwe nolwePhondo	ILifa leMveli liyinxalenye 'lemicimbi yenkcubeko' eliyimisebenzi eqhutywa kunye, ngoko iLifa leMveli leNtshona Koloni liqhuba isigunyaziso salo kubume bolawulo lwesizwe nolwephondo.
UMgaqo-siseko weNtshona Koloni, uMthetho 1 we-1998	
ICandelo 70	Umthetho wePhondo kufuneka unikezele ngokusekwa kunye nenkxaso-mali efanelekileyo, kwizibonelelo zePhondo ezifumanekayo, kwebhunga lenkcubeko okanye amabhunga oluntu okanye iingingqi zoluntu eNtshona Koloni, abelana ngenkcubeko efanayo nolwimi lwelifa lemveli.
ICandelo 81	<p>ILifa leMveli leNtshona Koloni kufuneka limilisele imigaqo-nkqubo ukukhuthaza ngamandla nokulolonga intlalo-ntle yabantu baseNtshona Koloni, kubandakanywa imigaqo-nkqubo ejolise ekufezekiseni:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukhuseleko nolondolozo izinto zendalo zembali, ezezinto zakudala nezoyilo lwezakhiwo zelifa leNtshona Koloni olulungiselelwe izibonelelo zezizukulwana ezikhoyo nezexa elizayo.

Icandelo	INkcazelo
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
	<ul style="list-style-type: none"> ILifa leMvelo leNtshona Koloni kufuneka limilisele imigaqo-nkqubo ethe ngqo ukuxhasa ezi zibonelelo.

4.2 Izigunyaziso zomthetho

UMthetho weSizwe	Isikhombisi	INkcazelo
UMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMvelo, 1999	UMthetho 25 we- 1999	Ukucebisa uMphathiswa ngomilisele loMthetho. ILifa leMveli leNtshona Koloni lunoxanduva ngokunjalo lokuseka iinkqubo ukulungiselela ukumilisele iinkcazelo zoMthetho.
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999	UMthetho 1 we- 1999	ILifa leMveli leNtshona Koloni, njengesebe likarhulumente kufuneka liseke iinkqubo ezilungileyo zolawulo lwemali ngokuhambelana neenkcazelo zoMthetho.
UMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso, 2000	UMthetho 2 we- 2000	Lo Mthetho ke umisela ilungelo lokufikelela kwiirekhodi eziselugcinweni lombuso, amaziko karhulumente kwanolwamaqumrhu abucala. Phakathi kwezinye izinto, iLifa leMveli leNtshona Koloni kwanawo onke amanye amaqumrhu ombuso kwanawabucala kufuneka: <ul style="list-style-type: none"> Aqulunqe isikhokelo esicacisa kuluntu ngokubanzi ngendlela yokufaka isicelo sokufikelela kumaxwebhu aselugcinweni lweli qumrhu; ze Achonge igosa lezonxibelelwano ukuze libe nokuthwaliswa uxanduva lokujongana nezi zicelo zokufikelela kwiinkcukacha eziselugcinweni lweli qumrhu.
UMthetho wokuKhuthaza uLawulo uBulungisa wama-2000	UMthetho wama-2000	Lo Mthetho: <ul style="list-style-type: none"> Ubeka elubala imithetho kwakunye nezikhokelo ekufuneka bezilandelwe ngabalawuli xa bethabatha izigqibo; Udinga ukuba abalawuli babazise abantu ngelungelo lokuqwalaselaselwa kwakhona kwesigqibo kwanesokubhena kwisigqibo kwanelungelo labo lokucela izizathu; Udinga ukuba abalawuli banikezele

UMthetho weSizwe	Isikhombisi	INkcazelo
		<p>ngezizathu zezigqibo zabo; ze</p> <ul style="list-style-type: none"> • Unika uluntu ilungelo lokuphikisana nezigqibo zabalawuli ezinkundleni.
<p>UMthetho woKukhusela iNgcaciso yaBantu yowama- 2013</p>	<p>UMthetho wama-2013</p>	<p>Lo Mthetho ubeka uxanduva kumaziko ukuze aqinisaekise oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukukhuthazwa nokukhuselwa kweengcaciso zabantu ekuthe kwabe kusetyenzwa ngazo ngamaqumrhu ombuso nawabucala; • Ukuqaliswa kwemiqathango ethile ukulungiselela ukusekwa kweemfuno eziphantsi zoluqwalaselwa kwengcaciso yomntu. Njengoko iLifa leMveli leNtshona Koloni liqokelela ingcaciso yomntu kwinkqubo yokumiliselwa koMthetho POP kuya kudinga okokuba kuhanjelwane nako.
UMthetho wePhondo	ISikhokhelo	INkcazelo
<p>IMimiselo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli leNtshona Koloni, 2002</p>	<p>PN 336 wama-25 ku-Oktobha 2002</p>	<p>Le mimiselo epapashwe nguMEC onoxanduva lobugcisa nenkcubeko ngamaxwebhu esiseko seLifa leMveli leNtshona Koloni elinikezela ngesigunyaziso salo esiyimfuneko kwiphondo nokuthi thaca iinkqubo ezahlukeneyo.</p>
<p>IMimiselo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli leNtshona Koloni, 2003</p>	<p>PN 298 wama-29 ku-Agasti 2003</p>	<p>Le mimiselo ithi thaca iinkqubo zokwenziwa kwezicelo ezahlukeneyo kwiLifa leMveli leNtshona Koloni (imimiselo epapashwe ngalo mhla ingesiNgesi).</p>
<p>IMimiselo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli leNtshona Koloni, 2003</p>	<p>PN 212 ye-10 kuNovemba 2004</p>	<p>Le mimiselo ithi thaca iinkqubo zokwenziwa kwezicelo ezahlukeneyo kwiLifa leMveli leNtshona Koloni (imimiselo epapashwe ngalo mhla ingesiBhulu nesiXhosa).</p>
<p>Imimiselo (iLifa leMveli leNtshona Koloni) engenkqubo yokupapashwa kweengxelo zomgaqo-nkqubo ngokubanzi kunye nezicwangciso zolawulo lolondolozo, 2015</p>	<p>PN 7497/2015 kuSeptemba 2015</p>	<p>Le mimiselo epapashwe liBhunga leLifa leMveli laseNtshona Koloni ithi thaca iinkqubo edingekayo ukupapashwa nokwamkelwa kweeNgxelo zoMgaqo-nkqubo ngkuBanzi kunye neziCwangciso zoLawulo loLondolozo.</p>

4.3 Uhlaziyo kwimigaqo-nkqubo yeziko namaqhinga

UMgaqo-nkqubo	INkcazelo
IMigaqo-nkqubo yeSizwe	
IPhepha leSizwe leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo woBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli (1996)	Olu xwebhu lunikezela ngesicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo wesizwe nowephondo wecandelo lobugcisa, inkcubeko kunye nelifa lemveli.
IMigaqo-nkqubo yeLifa leMveli leNtshona Koloni	
INcwadana yeLifa leMveli leNtshona Koloni yomhla wama-20 kuSeptemba 2013 njengoko ihlaziyiwe ngowama-2017.	INcwadana iqulathe yonke imigaqo-nkqubo, iinkqubo, izikhokhelo kunye nemithetho yombutho. Iyahlaziywa rhoqo lakuba iBhunga lamkele umgaqo-nkqubo omtsha okanye lenze isilungiso kulo usele ukho.

4.4 Amalinge omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo

Ilinge lomgaqo-nkqubo elichazwe ngasezantsi licwangciselwe owama-2021/22:

Amalinge omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo	Isithuba esibekiweyo
INdlela yokuZiphatha kunye neMithetho yoMgaqo weBhunga, iiKomiti kunye namalungu eBhunga neeKomiti zalo	31 March 2022

4.5 Uhlaziyo lwezigwebo zenkundla ezifanelekileyo

ITyala leNkundla	ISikhombisi	Impembelelo kwiHWC
<i>ITop Performers (Pty) Ltd v noMphathiswa weSebe Lemicimbi yeNkcubeko noLonwabo</i>	KwiNkundla Ephakamileyo yeNtshona Koloni, inombolo yetyala: 5591/05	Esi sigwebo saba nefuthe elimandla kwiinkqubo zokubhena zeenkundla ezichongwe ngabaphathiswa kumaphondo ngokwemigaqo yecandelo 49 lomthethi uMthetho iweMithombo yeLifa leMveli weSizwe, ka-1999, xa ufundwa noMmiselo 12 weSaziso sePhondo 336 sika-2003. IDCAS noMphathiswa kwiPhondo bathi bathabatha amanyathelo okulungisa ngenjongo yokuqinisekisa iinkqubo zezolawulo ezingenamkhethe ze kwenziwe namalungiselelo ezibonelelo zokungeniswa kobungqina obutsha kwirekhodi yenkqubo yaloo nkundla, kwanenkqubo engcono yokuthotyelwa kwemithetho yobulungisa bendalo ngokwemigaqo yomthetho ongokuphulaphulwa kwezimvo zelinye.
ILebhu eseMganga-thweni v iLifa leMveli leNtshona Koloni	KwiNkundla ePhakamileyo yeziBheno, inombolo yetyala: 647/06	Esi sigwebo siqinisekisa amagunya anikezelwe kuMEC neLifa leMveli leNtshona Koloni lokubeka imiqathango kuphuhliso ngokwemiqathango yecandelo 48 loMthetho weSizwe weZibonelele zeLifa leMveli, 1999.
iWillows Propati (Pty) Ltd v noMphathiswa weSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	KwiNkundla Ephakamileyo yeNtshona Koloni, inombolo yetyala. 13521/08	Ummangali ufake isimangalo esingxamisekileyo kwiNkundla ePhakamileyo ngenjongo yokunyanzelisa uMphathiswa kwiPhondo ukuba afikelele esigqibeni okanye, ukuba akunjalo, akhuphe iRekhodi Yesigqibo kumba wesibheno esathi safakwa kuMphathiswa kwiPhondo ngokwemigaqo yecandelo 49 loMthetho weZibonelelo yeLifa leMveli weSizwe, Ka-1999, elifundwa nommiselo 12(7) weSaziso sePhondo 336 sowama-2003. Ifuthe lesi sigwebo kwiDCAS kukuba kufuneka iqinisekise ukuba iinkundla zikhupha iiRekhodi Zezigqibo kwangethuba. Kuthe zamiselwa iintshukumo zoluleko.

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza seLifa leMveli leNtshona ndawo zephondo zelifa lemveli 2021/22

ITyala leNkundla	ISikhombisi	Impembelelo kwiHWC
<p><i>Umbutho Wabarhafi waseWaenhuiskrans Nomnye v Verreweide Eiendomsontwikkeli ng (Edms) Bpk and Others</i></p>	<p>KwiNkundla Ephakamileyo yeNtshona Koloni, inombolo yetyala 1926/08</p>	<p>INkundla yathi yaqwalasela ukuba ingaba i-Arhente yeZiseko zeLifa leMveli kuMzantsi Afrika okanye iLifa leMveli leNtshona Koloni zinawo na amagunya kumba weendawo zelifa lemveli ezithe zahlolwa yiSAHRA njengamaziko akwiBakala 1 ngokwemigaqo yecandelo 35 no-36 yomthetho weMithombo yeLifa leMveli weSizwe, ka-1999. INkundla yafumanisa ukuba, kumatyala akumila kunjalo, yiSAHRA enamagunya okugweba. Ifuthe lesi sigwebo kwiHWC kukuba iSebe kufuneka linikezele ngoncedo lwezomthetho kwiLifa leMveli leNtshona Koloni ukuze kutolikwe imithetho, yaye ke kukwafunbeka liqinisekise ukuba iHWC ithabatha amanyathelo ngokwamagunya asemthethweni.</p>
<p><i>UPeter Gees v noMphathiswa wePhondo weSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, kwiNtshona Koloni, uSihlalo, weNkundla eZimeleyo yeZibheni, iLifa leMveli leNtshona Koloni, iSixeko saseKapa, AbaHlawuli beRhafi baseCity Bowl, kwanoMbutho waBahlali</i></p>	<p>KwiCandelo leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni, inombolo yetyala: 6205/15</p>	<p>INkundla yaye yaqinisekisa ukuba, ukunyanzeliswa kwemiqathango ekwimida yoMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, we-1999 yaye ihambelana ngqo nefuthe lalo Mthetho. Iyakwazi ukunyanzeliswa imiqathango kwimvume yokudilizwa kwesakhiwo esimileyo esineminyaka engaphezu kwama-60 ngokwemigaqo yecandelo 34(1) lalo Mthetho.</p>
<p><i>IKomiti yeLifa leMveli yeNgingqi yasePiketberg naBanye v Liebco Vleishandelaars Edms Bpk nabanye (ibe inguMmangalelwa wesibini iLifa leMveli leNtshona Koloni)</i></p>	<p>KwiCandelo leNkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika, inombolo yetyala 1103/16</p>	<p>Isicelo sohlaziyo lwezigqibo seBuilt Environment and Landscape Committee (BELCom) yeHWC. Imvume yanikezelwa yiBELCom yokudilizwa kwesakhiwo esikwiSiza 207 ePiketberg. IKomiti yeLifa leMveli lasePiketberg ifake isimangalo kwiNkundla ePhakamileyo okokuba kuqwalaselwe ngokutsha isigqibo njengoko ixoxa ngento yokuba izibonelelo zePAJA akuzange kuhlakanyelwane nazo. INkundla iqwalasele umgaqo-nkqubo weHWC odinga uthethwano kuphela namaqumrhu abhalisiweyo olondolozo yaze yagqiba okokuba, njengoko izigqibo ezithatyathiyweyo zinekhono lokuchaphazela amalungu oluntu ngokubanzi, uthethwano noluntu ngokubanzi luyadingeka. Oku kuthetha okokuba iHWC kufuneka iqinisekise ngento yokokuba uluntu luthabatha inxaxheba, ngokwemuqathango yePAJA luqhutywa ngaphambi kokuba kuthatyathwe izigqibo ngesicelo.</p>

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza seLifa leMveli leNtshona ndawo zephondo zelifa lemveli 2021/22

ITyala leNkundla	ISikhombisi	Impembelelo kwiHWC
UMbutho waBahlali noMbutho waBahlawuli beRhafu baseBo-Kaap v iSixeko saseKapa naBanye	ICandelo leNkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika, iNombolo yeTyala 7031/17	IHWC ingenelele kwesi simangalo apho iCivic Association (eliqumrhu elibhalisiweyo lolondolozo lwendalo) yenze isimangalo sokuqwalaselwa kwesigqibo seSixeko saseKapa sokwakha isakhiwo esiphakamileyo esikwiHPO yaye sikumda weBo-Kaap kunye neRiebeek Square. INkundla yafumanisa okokuba uS27(18) weNHRA akakwazi ukwandiswa ukulungiselela ukuba isivumelwano kufuneka sifunyanwe ngumphuhlisi wesakhiwo esayamene nendawo yelifa lemveli. Ifumanise ngaphezulu okokuba iSixeko saseKapa iyithabathele ingqalelo yonke imimiba yaye ngoko asikwazi ngoko ukuqwalasela ngokutsha ngokufanelekileyo yaze yasibekela ecaleni isigqibo sayo.
<i>ITower Property Fund Limited v ILifa leMveli leNtshona Koloni</i>	ICandelo leNkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika, iNombolo yeTyala 7000/18	Isimangalo somyalelo osusa isigwebo sokumiswa komsebenzi owanikezelwa yiHWC ngokuphathelene nomsebenzi wokwakha kwipropati eyayamene nayo, ekwakuoyikelwa okokuba sibangela umonakalo kwisibonelelo esisecaleni selifa lemveli, esisesi isakhiwo secawa esiyigreyidi IIIA. INkundla yamisela into yokokuba iHWC ibifanele ukunika ummangali ithuba lokuphendula phambi kokunikezela ngomyalelo wokuyekwa komsebenzi.

ICANDELO B: EKUJOLISWE KUKO KWEQHINGA

5. Uhlaziyo lohlahlelo lweSimo

Ukususela kwasekusekweni kwalo ngo-Oktobha 2002, iLifa leMveli leNtshona Koloni liphuhlise iinkqubo ezilungiselelwe ulawulo lwezicelo ezithe zangeniswa kulo ngokwemiqathango yoMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli, 1999, yaye libonwa njengogunyaziwe okhokhelayo kwizibonelelo zelifa lemvelo ngokuhambelana nalo mmandla wemisebenzi.

ILifa leMveli leNtshona Koloni lisondelela kufutshane namashumi amabini eminyaka yokusebenza njengogunyaziwe wephondo wezibonelelo zelifa lemveli kwiphondo. Lisebenzele kwinkqubo emanyanisiweyo yolawulo lwezixhobo zelifa leMveli kwiPhondo njengoko kugunyazisiwe ngokweMithetho yeBonelelo zeLifa leMveli leSizwe. Kubekho ukujolisa kunxibelelwano neengingqi zoluntu, amaqumrhu olondolozo lwendalo, amaqumrhu obochule kunye noomasipala bengingqi ukulungiselela ukulawulwa ngcono kwezibonelelo zelifa lemveli. Nangona liseke ngempumelelo imithetho ecacileyo yokusebenza kwalo, ingakumbi ukuqwalaselwa kwezicelo, okuthatha isixa esikhulu somphumela womsebenzi weHWC, iHWC ilandela unikezelo lomsebenzi koogunyaziwe bengingqi abavakalise umdla wokuthabatha imisebenzi yolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli zengingqi. Oku kubalulekile njengoko kukho ulwabelwano lolawulo olusemthethweni ngokwemiqathango yoMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, yaye ngkwemiqathango yeNHRA elungiselelwe ulawulo lwemiba yelifa lemveli kuwo onke omathathu amasebe karhulumente. Iingxoxo ziyaqhubeka kunye noomasipala bengingqi ukuseka isicwangciso-nkqubo esiya kunceda kwinkqubo yonikezelo lwamagunya xa iqaliswa, IHWC iyaqhuba ukwakha kubudlelwane bayobentsebenziswano kunye ne-Arhente yeZibonelelo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika (SAHRA) ngokwemiqathango yolawulo lweendawo ezibalulekileyo kwisizwe ezikwiNtshona Koloni, kunye neminye imiba enomdla onqamlezileyo. Ukuvalwa ngci kwesizwe eMzantsi Afrika ngoMatshi 2020 ngenxa yoqhambuko lweCOVID-19, kudinga intsebenziswano enkulu nolungelelwaniso nolawulo oluhlangeneyo kuwo onke amasebe karhulumente ukuqinisekisa, ngokwembono yelifa lemveli, okokuba izibonelelo ezibonakalayo ziyqhuba ukulawulwa ngokufanelekileyo, kodwa ukufaneleka nokusebanza kuyaqhubeka ukwakhiwa kwiinkqubo zokusebenza zeHWC.

Oku kulandelayo kokungundoqo okuphambili kwiHWC:

- ukwakhiwa okufanelekileyo kwenkqubo yolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli okunceda abachaphazelekayo kunye neengingqi zoluntu okokuba zibe nokholo kumsebenzi weHWC;
- ukubhengezwa kwezibonelelo ezibalulekileyo zelifa lemveli njengeendawo zephondo zelifa lemveli ukulungiselela ukunika ingqwalasela kwiyantlukwano yephondo kunye nelifa lemvelo leengingqi zoluntu ebezingahoywanga kwixesha elidlulileyo;
- ukuqaliswa kwenkqubo yonxibelelwano enentsingiselo ngemiba yembuyekezo ezekelisayo ekwimbonakalo yolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli;
- Ukuqinisekiswa kwakhona kobudlelwane noomasipala kunye namaqumrhu olondolozo lwendalo ukulungiselela ukuqinisekisa uhambelwano kunye neNHRA, ingakumbi nemiqathango ebekwe kumaphepha-mvume kunye nezinye iirekhodi zezigqibo;
- ukuqaliswa kweenkqubo kwiingingqi zoluntu nakwabachaphazelekayo ukulungiselela ukuqaaqambisa okulungileyo nokuzinzisa iimpembelelo elinokuthi ilifa lemveli libe nazo ekusombululeni ububi bentlalo, liyile ubandakanyo lwentlalo nokwakha ubumi obusebenzayo; kunye
- nokuphuculwa kwengqiqo yexabiso lezibonelelo zelifa lemveli ngokusetyenziswa kophawu olucacisiweyo.

6. Uhlahlelo lweSimo sangaPhandle

6.1 Ubume bezopolitiko

Ilifa leMveli leNtshona Koloni, nangona lingengombutho wezopolitiko linebhunga elityunjwe nguMphathiswa onoxanduva lweMicimbi yeNkcubeko eNtshona Koloni. UMphathiswa useke umbutho ngokwemiqathango yeCandelo 23 loMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli. Lixhaswa liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokukhutshelwa kwentlawulo ngonyaka kunye neenkonzozo zenkxaso ezibandakanya ezabasebenzi, inkonzozo yenkxaso yemali kunye neenkonzozo zekxaso ze-IT.

6.2 Ubume bezoqoqosho

Ukukhula ngokucotha koqoqosho kwilizwe kunye neNtshona Koloni, kuhlangele nokuqhambuka kobhubhane kwihlabathi we-COVID-19 kunye nokuvalwa ngci kwesizwe eMzantsi Afrika ukususela kumhla wama-26 kuMatshi 2020, kube nempembelelo embi kakhulu kuqoqosho loMzantsi Afrika nephondo. Umsebenzi othi wenziwe yiHWC uchongwe njengomnye onganguzifo zonke wokuvuselela ukukhula njengoko iHWC idlala indima ephambili ekuqwalaseleni uphuhliso lwezicelo kwiphondo. ILifa leMveli leNtshona Koloni ngoko ngumthabathi-nxaxheba ongundoqo ukumilisela uvuselelo loqoqosho kwiphondo ngokuqinisekisa okokuba ingqwalasela yalo yezicelo yenzeka ngokufanelekileyo nangokusebenzayo kangangoko linakho.

6.3 Ubume bentlalo

IHWC ikhuthaza uluntu lwengingqi okokuba luzibhalise njengamaqumrhu olondolozo lwendalo ngokwemiqathango yeCandelo 25 lweNHRA. Oku kunika ithuba amaqumrhu elifa lemveli okokuba anike izimvo ngokusesikweni kwinkqubo yezicelo zeHWC. Amaqumrhu olondolozo lwendalo axhobisa iingingqi zoluntu okokuba abe nelizwi elisebenzayo ngokuphathelene nokubaluleka kwezibonelelo ezichongiweyo zelifa lemveli kwimimandla yabo yengingqi. IHWC ipapasha ii-ajenda zentlanganiso yalo kunye nemizuzu kupapasho lwayo lwekhompyuta ukulungiselela uluntu lwengingqi olunomdla lufikelele kwingcaciso. Uhlaziyo olungaphezulu luyanikezelwa ngokunjalo rhoqo ngeveki kupapasho lwayo lwekhompyutha apho izigqibo zenziwa khona kwiiNtlanganiso zaMagosa eLifa leMveli (HOMs). Ngenxa yokuvalwa ngci kwesizwe iintlanganiso zekomiti beziqhutywa ngohlobo lwedijithali, ezithe zanikezela ngeqonga elifikelekayo kakhulu kunye namaqela achaphazelekayo kwiphondo lonke.

6.4 Ubume beTheknoloji

Njengoko iHWC iphuhlise inkqubo yekhompyutha yolawulo lwengcaciso, inxibelelene kunye ne-arhente yesizwe yezibonelelo zelifa lemveli ukulungiselela ukuhlanganisa inkqubo yalo yekhompyutha kunye naleyo yeSAHRA, koku kubhekiselwa kuko njengeNkqubo yolawulo lweNgcaciso yoMzantsi Afrika (SAHRIS). ISAHRA, njenge-arhente yesizwe, inakho ukumisela indlela isebe elinika ingxelo ngayo kulo

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza seLifa leMveli leNtshona ndawo zephondo zelifa lemveli 2021/22

ngokubhekiselele kulawulo lwelifa lesizwe ngokwemiqathango yeNHRA. Iyakucamngca ukusetyenziswa kweSAHRIS okokuba kuya kunika ufikelelo kwikhompyutha olukhulu kwinkqubo yalo yezicelo kunye nofikelelo kuvimba weSAHRA weenkukacha zamanani oluhlu lwempahla yesizwe. Ukususela ekuqaliseni kokuvalwa ngci kwesizwe iHWC ifuduse indlela yokuqwalaselwa kwezicelo yayisa kwinkqubo yongeniso lwekhompyutha ngenjongo yokuyifudusela kusetyenziso lweSAHRIS nje ukuba iHWC isebenze ngokupheleleyo kwinkqubo yeSAHRIS. Imisebenzi yekhompyutha iqhubile ngethuba lokuvalwa ngci lwesizwe ngeentlanganiso zazo zonke iikomiti zeHWC ezisingethwe kusetyenziswa iMicrosoft Teams. Amanye amaqonga onxibelelwano afana noWhatsApp asetyenzisiwe ukugcina abenzi bezicelo naBanomdla naBachaphazelekayo benolwazi ngenkqubela phambili yeentlanganiso kunye nemiba ye-ajenda ngethuba leentlanganiso zekomiti. Oku kufuduse ngokusebenzayo ukuqwalaselwa kwezicelo yiHWC ngokupheleleyo kwikhompyutha yaye iya kuqhubeka kwiqonga ilisa phambili.

6.5 Ezendalo

Ubhubhane weCOVID-19 ichaphazele indlela abasebenzi ekufuneka bahlengahlengise ukuze babe nokuqhubeka nemisebenzi engaphandle kwindawo yabo yokusebenza ngokunxwema. Uhlobo oluvele lwathi gqi lokuvalwa ngci lubangele uxinzelelo kwikhono elinyiniweyo kakade labasebenzi nezibonelelo zeHWC. Isithuba esiphakathi sokubuyela kwisimo se-ofisi naso siyaqhubeka kunikwa ingqwalasela kwimingcipheko emitsha yomzimba neyengqondo yabasenzi enokuthi ijamelane nabasebenzi yaye isidingo sothintelo nokumilisela obekungalindelwe kwicala lomqeshi.

6.6 Ubume bomthetho nobolawulo

Ilifa leMveli leNtshona Koloni lisebenza kubume obudinga okokuba liphendule ngokukhawuleza kwizicelo zophuhliso ngeli thuba liqinisekisa ngento yokuba imilisela isigunyaziso sayo sokukhusela izibonelelo zelifa lemveli. Kwisithuba seminyaka embalwa edlulileyo, izicelo ezithe zangeniswa kwiHWC zithande ukuba nzima, kwangaxesha linye kubekho uxinzelelo olwandileyo lokuqinisekisa ngento yokuba ezi zicelo ziqwalaselwa ngokukhawuleza.

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza seLifa leMveli leNtshona ndawo zephondo zelifa lemveli 2021/22

ILifa leMveli leNtshona Koloni lidingeka okokuba liqinisekise ngento yokokuba izigqibo zalo ziyathatyathwa kwiintlanganiso ezivuleleke kuluntu nokokuba kukho uthatyatho-nxaxheba luluntu olwaneleyo ngokwemiqathango yemithetho efanelekileyo. Oku kunokubangela ulityaziso olunokubangela okokuba iHWC ibonwe njengesithintelo kukukhula koqoqsho eNtshona Koloni. Kucamngcwa okokuba ukusetyenziswa kweSAHRIS kuya kunceda amalungu oluntu ukulandela inqanaba lezicelo zawo zesivumelwano kunye nemiphumela yezigqibo ezithatyathwe ziikomiti.

7 Ubume bangaphakathi

IHWC inomsebenzi wokuchonga wokukhusela, wolondolozo, wolawulo nokukhuthaza izibonelelo zelifa lemveli. Ngenxa yokunqongophala kwamandla, i-HWC ijolise ikakhulu ekusetyenzisweni kwezicelo nakukhuselo lwezixhobo zelifa lemveli njengeNdawo yeLifa leMveli lePhondo (PHS). Inkqubo yokunikezelwa kwamagunya ihlaziyiwe ukunceda iikomiti okokuba zinike ingqalelo kwicelo ezinzima kunye okanye ezinempikiswano. Iikomiti ezinjalo zihlangana rhoqo ngenyanga, ngeli thuba iiNtlanganiso zaMagosa eLifa leMveli (HOMs) zibanjwa rhoqo ngeveki. Ukwandiswa konikezelo lwamagunya kwiiHOM kunyine inani lezinto ezithi ziqwalaselwe yiBELCom kunye ne-IACom, ngeli thuba iiHOM zithabathe inani lezinto ukulungiselela okokuba zibe nokumelana nomthamo wezicelo. Ukulungiselela ukuphepha umsebenzi osemva wezicelo, ingakumbi ngethuba lokuvalwa ngci xa imisebenzi ifuduselwe ngokupheleleyo kwikhomyutha nokunxwema, iintlanganiso ezangezelelweyo zeBELCom zaqaliswa ngokunjalo ukunikezela ngexesha elangezelelweyo kwikomiti ukulungiselela ukujongana nezicelo ezinzima. Isivumelwano sokhuselo esilungiselelwe ukuhlolwa kweendawo naso saphuhliswa ngokunjalo kulungiselelwa abasebenzi kunye namalungu ekomiti, nangona wona ubunyiniwe kakhulu ngenxa yemithetho yokuvalwa ngci. Kumathuba anjalo iindlela zokufikelela kwingcaciso yendawo ngokusetyenziswa kamafoto angezelelweyo, zaqwalasewa.


Isidingo sokuxhobisa oogunyaziwe bengingqi ukulungiselela ukuseka iMimandla yeLifa leMveli kunye noLuhlu lweeMpahla lweLifa leMveli sandile. Ukusabela koku iHWC iphuhlise imimiselo ethi ikhokhelo oomasipal okokuba bahambelane nezibonelelo zaMacandelo 30 kunye nelama-31 eNHRA. IHWC iya kunceda oomasipala ukulungiselela ukuchonga iMimandla yeLifa leMveli kwimimandla ephantsi kolawulo

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza seLifa leMveli leNtshona ndawo zephondo zelifa lemveli 2021/22

Iwabo. Ukubhengezwa kweMimandla yeLifa leMveli kuya kunikezela ngengqinisekiso njengoko iimfuno zeCandelo 34 ziya kuba nakho ukupheliswa ngaphandle kule Mimandla ibhengeziweyo.

Kwiminyaka yakutshanje kuye kwakho ukonyuka okuzinzileyo kwinani lezicelo eziqwalaselweyo yi-HWC kwaye ngaphandle kokuvalwa kukazwelonke ngenxa ye-covid-19, inani lezicelo ezifunyenweyo khangela linciphise njengoko bekulindelekile. Nangona iluphuhliso olulungileyo njengoko kubonisa ukusabela okukhulu okuphuma kuluntu kwiimfuno zomthetho welifa lemveli, oku kubeke ngokunjalo izithintelo ezininzi kumbutho, njengoko icandelo labasebenzi linganele okokuba liqwalasele ukwanda komthamp womsebenzi. Kungenxa yesi sizathu sokokuba inkxaso kwiHWC ithe yandiswa ngokusetyenziswa kwenkxaso-mali echongiweyo ngesithuba sesiCwangciso-nkqubo seNkcitho sesiThuba esiPhakathi.

Isimo sabasebenzi beHWC:



ICANDELO C: UKULINGANISWA KOMSEBENZI WETHU

8 INkqubo yeNgcaciso yokuSebenza kweZiko

INkqubo: IiNkonzo zoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli

INjongo: Ukuchonga, ukukhusela, ukulondoloza, ukulawula nokukhuthaza izibonelelo zeLifa lemveli leNtshona Koloni

INkqutyana (Ukuba kufanelekile): N/A

INjongo: N/A

Iziphumo, iMiphumela, iMiqqalisela yokuSebenza nekuJoliswe kuko

iNani.	Isiphumo	iMiphumela	Imiqqalisela yoMphumela	Ekujoliswe kuko konyaka						
				Okuphicothiweyo/uMsebenzi oNguwo			Usebenzi oqikelelweyo	Isithuba seMTEF		
				2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
1.1	Ulawulo oluhlangeneyo lwezibonelelo zeLifa lemveli eNtshona Koloni.	Imigaqo-nkqubo; imimiselo; izikhokhelo okanye izivumelwano eziphuhlisiweyo ze zamkelwa	Inani lemigaqo-nkqubo, isikhokhelo, ummiselo okanye umthetho olandelwayo; wotyumbo, I-ajendauthende lwenkqubo yIweBhunga kunye nemizuzu yentlanganiso yeBhunga.	-	-	-	1	1	1	1
1.2	Ulawulo oluhlangeneyo lwezibonelelo zeLifa lemveli eNtshona Koloni.	Isibhengezo & nokuChongwa	Inani leeNdawo zePhondo zeLifa lemveli eNtshona Koloni.	-	-	-	4	3	3	3

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza seLifa leMveli leNtshona ndawo zephondo zelifa lemveli 2021/22

iNani.	Isiphumo	iMiphumela	Imigqalisela yoMphumela	Ekujoliswe kuko konyaka						
				Okuphicothiweyo/uMsebenzi oNguwo			Usebenzi oqikelelweyo	Isithuba seMTEF		
				2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
	eyo lwezibonelo zelifa leMveli eNtshona Koloni.	kweeNdawo zeLifa leMveli lePhondo	lemveli ezikhuselwe							
1.3	Ulawulo oluhlangen eyo lwezibonelo zelifa leMveli eNtshona Koloni.	Ukuhlolwa kweeNdawo oluqhutywe yiHWC	Inani lokuhlolwa kweendawo okuqhutywe kwiindawo zephondo zelifa lemveli	-	-	-	2	4	4	4
1.4	Ulawulo oluhlangen eyo lwezibonelo zelifa leMveli eNtshona Koloni.	lintlanganiso ezishedyulweyo zebhunga leHWC kunye neekomiti ukulungiselela ukumiliselwa kweNHRA	Inani leentlanganiso zeBhunga nekomiti ezisingethiweyo ukulungiselela ukwenziwa kwezigqibo ngokwemiqathango yeNHRA	-	-	-	100	100	100	100

IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza seLifa leMveli leNtshona ndawo zephondo zelifa lemveli 2021/22

iNani.	Isiphumo	iMiphumela	Imigqalisela yoMphumela	Ekujoliswe kuko konyaka						
				Okuphicothiweyo/uMsebenzi oNguwo			Usebenzi oqikelelweyo	Isithuba seMTEF		
				2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
1.5	Ulawulo oluhlangeneyo lwezibonelelo zelifa leMveli eNtshona Koloni.	Ukwamkelwa kokuba indawo ibhengezwe njengendawo yephondo yelifa lemveli ngokutyhilwa kwelitye lesinyithi lesikhumbuzo	Inani leendawo zephondo zelifa lemveli ekutyhilwe amatye esikhumbuzo	-	-	-	2	2	2	2
1.6	Ulawulo oluhlangeneyo lwezibonelelo zelifa leMveli eNtshona Koloni.	Ucweyo okanye iintlanganiso ezisingethiweyo ukuyila ulwazi olumalunga nokubaluleka kokugcinwa kwezibonelelo zelifa lemveli kunye nokurheshayo kolawulo lwezibonelelo ezinjalo	Inani leenkqubo ezisingethiweyo ukukhuthaza ulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli.	-	-	-	1	4	4	4

Imigqalisela, ekuJoliswe kuko koNyaka naRhoqo ngeKota

iNani.	Imigqalisela yomphumela	Ekujoliswe kuko koNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
1.1	Inani lemigaqo-nkqubo, imimiselo, izikhokhelo okanye izivumelwano ezamkelwe liBhunga okanye liGosa eliyiNtloko lesiGqeba	1	-	-	-	1
